education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

## IPHEPHA LESITHATHU (P3)

## EXEMPLAR 2008

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: 2½ IIYURE**

**OLU VIWO LUNAMAPHEPHA AMA- 8.**

**IMIYALELO EYA KUBAFUNDI**

1. Umviwa kulindeleke ukuba aphendule umbuzo OMNYE kwiCandelo ngalinye.

2. Icandelo ngalinye malibhalwe kwiphepha elitsha, uze ukrwele umgca wakugqiba iCandelo elo.

3. Bhala cacileyo nacocekileyo, ucwangcise kakuhle umsebenzi wakho.

4. Nika ingqalelo eyodwa kupelo lwamagama kunye nolwakhiwo lwezivakalisi.

5. UBUDE BEEMPENDULO:

   ICANDELO A: IsiNcoko – Bhala isincoko esingama-340 – 390 (iphepha elizeleyo libe nesiqingatha).
   ICANDELO B: ImiHlathana emide – Bhala ama-100 – 120 amagama (umxholo kuphela).
   ICANDELO C: ImiHlathana emifutshane – Bhala ama-100 – 100 amagama.

## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isincoko sibe siNYE esiva wena kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-400 ukuya kuma-450 (iphepha libe linye libe nesiqingatha).

1.1 Umntu ngumntu ngeminqweno nangemibono. Bhala isincoko ngesihloko esithi, 'Amaphupha endinawo ngekamva lam'. **[50]**

**OKANYE**

1.2 Ngokwalo mfanekiso ulandelayo kuyabonakala ukuba iyinene intetho ethi, 'Esilalayo sidla ukulala kanti esiphilayo sesithwethwayo'. Thabathela kule ntetho ibhalwe ngentla ubhale ibali eliphuhlisa oko. Sebenzisa le ntetho njengesihloko uphinde usiqukumbele kwangayo.



**[50]**

**OKANYE**

1.3 Kukhona ukungathi ncam malunga nolwahlulo lwemisebenzi kumadoda nabafazi kumakhaya ngamakhaya. Yiloo nto idala ukuba noSekela Mongameli uPumzile Mlambo Ngcuka enombuzo othi, 'Ingaba indawo yomfazi isekhitshini na kule mihla?' Bhala isincoko uzivelele zonke iinkalo ukuze kuphenduleke lo mbuzo. Sebenzisa lo mbuzo njengesihloko. **[50]**




**[50]**

**OKANYE**

1.4 Ukusetyenziswa kweziyobisi kuthathe unyawo kwaye kukwaneziphumo ezihlininikisayo kweli loMzantsi Afrika. Yila isihloko ngokwalo mfanekiso ulandelayo ubhale isincoko ngeziyobisi.




**[50]**

**OKANYE**

1.5 'Ithala leencwadi sisitshixo sokuvula kwikamva lolutsha.' Bhala isincoko ngesi sihloko. **[50]**

**OKANYE**

1.6 Kulo mfanekiso ulandelayo kungqineka intetho ethi, 'Ingomso lomntu alaziwa'. Bhala isincoko ngesihloko esithi, 'Ubomi yimo yezulu'.



**[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

**ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE**

**UMBUZO 2**

Chonga umhlathana ube MNYE kuphela omde. Bhala ama-180 – 200 amagama (iphepha elinye elizeleyo). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

2.1 Umhlobo wakho ufumene ilishwa lokuba azibone ekhulelwe. Oku kwenzeka kanye sele kusondele iimviwo zokuphela konyaka. Mbhalele ileta umthuthuzele umcacisele ukuba ayisosiphelo sobomi esi, kwaye akulahlwa mbeleko ngakufelwa ...



**[30]**

**OKANYE**


2.2 Uqhube uphando kwingingqi ohlala kuyo malunga noontanga bakho abafumene abantwana bebancinane. Kuphando lwakho ucangcathe kwezi ngongoma zilandelayo:

Iinguqu ekhaya
Ekuhlaleni
Esikolweni
Ikamva

Bhala ingxelo wabelane nabanye ngamava akho owazuzileyo kolu phando. **[30]**

**OKANYE**

2.3 Ngokwalo mfanekiso ulandelayo, namhlanje kungcwatywa umzala wakho kucelwe wena ukuba ubhale ngentyila-bomi ngomfi (obhitshuwari). Bhala i-obhitshuwari uzivelele zonke iinkcukacha ngomfi.



**[30]**

**OKANYE**

2.4 Yenza udliwano-ndlebe (interview) nomntu oliqhawe ebomini bakho ngokuthi abe ngumzekelo womntu ofuna ukuba ungaphila njengaye. Lo mntu ingangumntu osenkonzweni, kwezopolitiko, kwezemidlalo okanye ezoshishino. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

### UMBUZO 3

Bhala umhlathana ube MNYE kweli candelo. Umhlathana mawube ngamagama ali-100 – 120 (isiqingatha sephepha ukuya kwelizeleyo). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

3.1 Ugqiba ukubhala iimviwo zeMatriki ngoku usalindele iziphumo, kodwa ufuna isithuba somsebenzi khona ukuze ube nokuqokelela imadlana eza kukunceda xa usiya eYunivesithi kunyaka ozayo.

Bhala isibhengezo oza kusifaka kwiphephandaba ngenjongo yokuzithengisa. Phezu kwezinto oza kuziveza qinisekisa ukuba uzikhankanyile nezi zilandelayo:

- Iilwimi okwaziyo ukuzithetha.
- Amava omsebenzi
- Iinombolo zomnxeba onokufumaneka kuzo. **[20]**

**OKANYE**

3.2 NjengoNobhala woMbutho wabaFundi (i-LRC) kwisikolo sakho, kucelwe wena ukuba uye kumela abafundi kwintlanganiso yonyaka ye-COSAS. Bhala idayari ucholachole konke okuxukushwe kuloo ntlanganiso. **[20]**

**OKANYE**

3.3 Umama wenu ugqibe iminyaka engamashumi amahlanu ezelwe, ngoku nigqibe noodade wenu ukuba nimenzele isothuso sesihikahika setheko. Yila ikhadi lesimemo, umeme abahlobo bakamama wenu, abahlobo benu, izihlobo nootitshala benu enibathandayo. **[20]**

**AMANQUAKU ECANDELO C: 20**

**AMANQUAKO EWONKE: 100**